



Inombolo yefayili: 18/5/1
Isalathiso: 20241107-8120

ISetyhula: 0037/2024
Umhla wokuphelelwa: 31 Oktobha 2027

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli, kuBaphathi beeSekethe, kwiiNtloko zoLawulo noKuphathwa kwamaZiko, KumaSekela Balawuli kwii-ofisi zezithili, kwiiNqununu nakooSihlalo bamaBhunga oLawulo bazo zonke izikolo zikarhulumente eziqhelekileyo ezingekho phantsi kwesiqendu 21

Isishwankathelo esifutshane: *Imvumelwano yokuthengwa nokuziswa kwezinto zokucoca, zokusebenza egadini nezombane.*

Isihloko: Imvumelwano (BWCED 3123/23) yokuthengwa nokuziswa kwezinto zokucoca, zokusebenza egadini nezombane yethuba lowe-01 Novemba 2024 ukuya kowe-31 Oktobha 2027

1. Kucelwa niqaphele ukuba le setyhula ibhekiselele kuphela ekuthengweni nokuziswa kwezinto zokucoca, ezokusebenza egadini nezombane.
2. Ikwanazisa nokuba imvumelwano (BWCED 2876/20) yokuthengwa nokuziswa kwezinto zokucoca, zokusebenza egadini nezombane ekungenwe kuyo liSebe leMfundo leNtshona Koloni (iSebe iWCED) (eyayikhutshwe phantsi kweSetyhula 0027/2021, yomhla we-01 Juni 2021), iphelelwe ngowe-30 Apreli 2024, kodwa yandiselwe ixesha ukususela ngowe-01 Meyi 2024 ukuya kowe-31 Oktobha 2024 (ngokweNgcaciso eMfutshane yeCandelo lokuNika iNkxaso yeZibonelelo kumaZiko 0008/2024 yomhla we-25 Apreli 2024); iyatshintshwa ngokwenjenje ngemvumelwano entsha yeminyaka emithathu.
3. ISebe iWCED lingene kwimvumelwano entsha yokuthengwa nokuziswa kwezinto zokucoca, zokusebenza egadini nezombane yeminyaka emithathu (B/WCED 3123/23) yethuba lowe-01 Novemba 2024 ukuya kowe-31 Oktobha 2027 kunye ne-**Bidfiq (Pty)Ltd.** Le mvumelwano yokuthengwa nokuziswa kwezinto zokucoca, zokusebenza egadini nezombane, iya kusetyenziswa zizo zonke izikolo zikarhulumente, zii-ofisi zezithili nakwaNdlunkulu weSebe iWCED. Izikolo eziphantsi kwesiqendu 21 zingasebenzisa ikhathalogu eqhotyoshelweyo ukuthenga yaye zenze iintlawulo ngqo kumboneleli-nkonzo xa zifuna naziphi na ii-ayithem.

4. Kubalulekile ukuqaphela ukuba ii-odolo zezinto zokucoca, zokusebenza egadini nezombane, ziya kuthengwa kuphela kumboneleli-nkonzo ovunyiweyo ngethuba elikhankanyiweyo, kusetyenziswa ezi nkukacha zilandelayo:

Bidtiq (Pty)Ltd

14 Klawer Street

Sybrand Park

Athlone

7700

Inombolo yefoni: 021 696 9361

Inombolo yeselula: 072 997 5549

I-imeyili: ashton@rcsuppliers.co.za

Umntu emakuqhagamshelwane naye: Roselie Ann Blankenaar

5. Izikolo ezingekho phantsi kwesiqendu-21 nee-ofisi zesebe kufuneka zisebenzise ikhathalogu eqhotyoshelweyo uku-odola iimfuno zazo ngokwalo nyaka uchaphazelekayo.
6. Kubalulekile ukuqaphela ukuba ngokwemvumelwano yokuthengwa nokuziswa kwezinto zokucoca, zokusebenza egadini nezombane, izikolo zivumeleke kuphela ukuba zi-odole ii-ayithem ezikwikhathalogu eqhotyoshelweyo esebenza kwizithili zazo.
7. Izikolo ezingekho phantsi kwesiqendu 21 kufuneka ziqaphele ukuba apho imvumelwano yokuthengwa nokuziswa kwezinto zokucoca, zokusebenza egadini nezombane zingaziboneleliyo ii-ayithem ezizifunayo, izicelo mazingeniswe kusetyenziswa ifom iWCED 026 yokwenza irikhwizishini kwi-ofisi yoku-odola iziXhobo eziXhasa ukuFunda nokuFundisa (*Learning and Teaching Support Material (LTSM)*). Emva koko ii-ayithem ezilolu hlobo ziya kufakwa kwisibhengezo-ntengiso kwimarike evulelekileyo yaye ukuthengwa kweempahla neenkonzo kuya kwenziwa kusetyenziswa iinkqubo zoLawulo lwaBathengi naBathengisi.
8. Izikolo ezingekho phantsi kwesiqendu 21 kufuneka zizithumele ngokuzingenisa iirikhwizishini zazo kwi-ofisi ye-LTSM zisebenzisa le dilesi ye-imeyili ilandelayo:

Mayiqwalaselwe ngulo: Ms Louise John

I-imeyili: LTSM@westerncape.gov.za

Inombolo yefoni: 021 467 2345 (ukubuza imibuzo)

9. Kubaluleke gqitha ukuba izikolo zikucwangcise ngononophelo ukumisela ukuba zilawulwa njani na iinkxaso-mali zeMimiselo neMigangatho zazo ukuqinisekisa ukuba kukho imali eyaneleyo ukwenzela zonke iimfuno zabafundi.
10. Kucelwa wazise okuqulethwe yile setyhula onke amagosa achaphazelekayo ukuze akuthathele ingqalelo.

ISAYINWE: NGU-B WALTERS
INTLOKO YESEBE LEMFUNDO
UMHLA: 2024-11-26